


# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.


## Ingxoxo


- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*






*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

ULinda noLumka bakhwela ibhasi namhlanje.
Ngelishwa uBathathe akavumelekanga ukuba akhwele nabo ibhasi.

"Hayi Bathathe, sukukhwela!" utshilo uLumka. "Izinja azivumelekanga!"

Namhlanje uLinda noLumka bebeye kwithala leencwadi. UBathathe khange akwazi ukungena kunye nabo.

"Hayi Bathathe, akunakungena wena!" utshilo uLinda. "Kaloku izinja azivumelekanga ngaphakathi."



Namhlanje uLinda noLumka
baye elwandle.
Usizana olunguBathathe
alukwazanga ukuya nabo
elwandle.

"Hayi kaloku Bathathe,
asinakuhamba nawe!"
utshilo uLinda. "Izinja
azivumelekanga."




Namhlanje uLinda noLumka bayodlala epakini. Nalapho akakwazanga ukuya uBathathe.

"Hayi Bathathe, akunakungena epakini!" utshilo uLinda, "Izinja azivumelekanga."



Usizana olunguBathathe
lwahlala phantsi komthi
ngasesangweni. Lwalinda
apho umlibe.
Ekugqibeleni uBathathe
wahliwa bubuthongo.
Zzzzzz ...
Ebuthongweni waphupha.



Uphuphe ntoni uBathathe?

UBathathe uphuphe esebhasini. "Ndiza kukhwela kwisitulo sangaphambili," utshilo uBathathe. UBathathe wahlala ngasefesitileni ebhasini ukuze abone kakuhle endleleni.


UBathathe uphuphe ngathi ukwigumbi lokufundela. Ebehleli kwisitulo esingaphambili.

"Ingathi alisafiki ixesha lokutya isidlo sasemini," utshilo uBathathe. "Ndingxamele ixesha lokudlala," utshilo.

UBathathe uphuphe eselwandle. Uphuphe edlala  egrumba esantini ekhwela namaza.

Wayonwabe ngolona hlobo uBathathe.

"Bumnandi ubomi!" wakhwaza watsho.




Kuthe kusenjalo wazibona esepakini nezinye izinja. Kwakukho izinja ezinkulu nezincinci, izinja ezinde nezimfutshane.
UBathathe wakhwela ujingi.
"Umnand' ujingi, umnand' ujingi!" wacula.



Wasuka kujingi waya kudlala kunojikeleza. Wasuka apho waya kumtshibilizi. Wehla esenyuka kuqegu. Wasuka apho waya kugrumba isanti. UBathathe wayonwabe ngendlela angenakuze ayilibale.

Kuthe kusenjalo . . .

ULumka noLinda bafika esangweni.
"Bathathe vuka! Siyagoduka ngoku," utshilo uLumka.

"Uthini? Ndivuke?" wabuza uBathathe othukile.
"Utheth' ukuba bendiphupha na?"

"Sii madoda! Kunzima ukuba yinja!" waqalekisa uBathathe.

# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 Jonga imifanekiso. Xelela umhlobo wakho ukuba kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye.
Xelela umhlobo wakho ukuba ngowuphi umfanekiso wokuqala, owesibini, owesithathu nowokugqibela.
Balisela umhlobo wakho ibali kwakhona usebenzise imifanekiso.





2 Yenzani umdlalo nilinganise ibali.



3 Fundela umhlobo wakho ezi zivakalisi. Wakugqiba balisa ibali kwakhona ngokufunda izivakalisi ngokulandelelana kwazo.

| | |
|---|---|
| 1. | UBathathe uphupha eselwandle. |
| 2. | UBathathe uphupha esepakini. |
| 3. | UBathathe ubiwa bubuthongo esangweni. |
| 4. | UBathathe akangenanga epakini. |
| 5. | UBathathe uyavuka. |



4 Gqibezela lo msebenzi.

a. Kumqolo ngamnye khangela igama elifana negama elisekuqaleni.

| | | | |
|---|---|---|---|
| elwandle | phandle | endle | elwandle |
| jonga | bonga | jonga | songa |
| cula | vula | sula | cula |
| qubha | qubha | qhuba | qula |

b. Funa ebalini igama elinentsingiselo efanayo neyala magama alandelayo:

uduladula | ilayibrari | wayechwayite | ixesha elide | walala | egeyitini

c. Gqibezela ezi zivakalisi ngokufakela isalathandawo esichanekileyo. Khetha kwezi zilandelayo: phantsi, phezulu, ngaphakathi, phandle.

| |
|---|
| UBathathe wayengavumelekanga _____ kwithala leencwadi. |
| UBathathe walala ________ komthi ngasesangweni. |

d. Yakha amagama abe mathathu anezi zandi: ee ii oo

e. Dwelisa izinto angathanda ukuzenza uBathathe ebalini. Zahlule ngekoma izinto ozibhalileyo.



5 Khangela izivakalisi ezinezi mpawu zeziphumlisi ebalini uze uzibhale:

. , ? ! “ ”



6 Ncokolani ngebali:

a. Sithini isihloko sebali?
b. Ngoobani abalinganiswa abaphambili ebalini?
c. Xela izinto zibe ntathu afuna ukuzenza uBathathe.
d. Ingaba ucinga ukuba eli bali liyinyaniso?
e. Kwenzeka ntoni ekuqaleni kwebali?
f. Kwenzeka ntoni embindini?



7 Bhala ibali elinezivakalisi ezithathu uze uzobe umfanekiso obonisa ibali lakho.

Inqanaba: 1

# Incwadi 2

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Kunzima ukuba yinja |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-2 Inqanaba 1 Incwadi 2 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | baye, ngaphakathi, ngaphantsi, ezimfutshane, ezinde, wacinga, dlala, ngaphambili, usizana, namhlanje |
| Isigama: | ithala leencwadi, ulwandle, ipaki, iphupha, ifesitile, ukugrumba, umtshibilizi, unojikeleza, nyuka, ujingi, iqegu, umlibe |
| Izandi: | th, nj, hl, ndl, dl, ii, ee, tsh, gr, ph, lw, ngw |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Chaza ukuba kwenzeka ntoni emifanekisweni.<br>▪ Dwelisa imifanekiso ngokulandelelana kwayo.<br>▪ Sebenzisa imifanekiso ikuncede ubalise ibali kwakhona.<br>▪ Yenzani umdlalo nilinganise ibali.<br>▪ Dwelisa iziganeko ngokulandelelana kwazo.<br>▪ Chonga amagama.<br>▪ Gqibezela izivakalisi ngokufakela izalathandawo.<br>▪ Khangela izifanokuthi ebalini.<br>▪ Bhala uluhlu, xa ubhala sebenzisa ikhoma.<br>▪ Funa izivakalisi ezinezi ziphumlisi uze uzibhale: isingxi, ikhoma, uphawu lombuzo, uphawu lwesikhuzo, neempawu zocaphulo.<br>▪ Funda ibali uze uphendule imibuzo evavanya ukuqonda.<br>▪ Bhala ibali ngawakho amagama uze uzobe umfanekiso obonisa ibali lakho. (Bhala izivakalisi ezithathu.) |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga lesi-2 zoLwimi Lweenkobe:

### Inqanaba: 1
- USisi unomhlobo omtsha
- Kunzima ukuba yinja
- Mhla iqwarhashe lanemigca
- UNdlulamthi uyakuthanda ukufunda

### Inqanaba: 2
- UBubu ulahlekile
- Benza njalo abahlobo
- Intshontsho ledada elibi

### Inqanaba: 3
- Ibhayisekile entsha kaBheki
- Izilwanyana ziya elwandle
- Tshotsh' ubekho Mnenga

ISBN 978-1-4315-2625-3

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2625-3

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education
Department: Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.